

PULA IMVULA

>> GROWING FOOD >> GROWING PEOPLE >> GROWING PROSPERITY >>



I-NAMPO NGO-2017 ityhila ikamva

Imazini yakwaGrain SA
yophuhliso Iwabavelisi

Bala moteng:

- 03 | Dibana nabatyunjwa bethu bango-2017 (Icandelo 1)
- 08 | Ulawulo Iwesityalo sakho secanola
- 09 | Yintoni etshintshileyo?



Kulo nyaka, uSuku IwesiVuno IweNAMPO lubanjwe ngomhla we-16 ukuya kowefi 19 kuMeyi eNAMPO Park, cebu bucala eBothaville. I-NAMPO liqonga lecandelo lezolimo elibaluleke kakhulu nendawo yentengiso yezimvo ezintsha, ubuchwepheshe notshintshiselwano ngolwazi olubalulekileyo nolusetyenziswa ngabo bonke abalimi, abakhulu nabancinane. Kufumaneka nemiba emitsha yowlwando nezinto

ezintsha eziboniswa ngabadlali-ndima ukuze kongezwe ixabiso kwesi siganeko esisungulwe ngomxholo wango-2017 othi "Tyhila Ikamva".

Njengoko unyaka ka-2017 ungunyaka we-51 weGrain SA wokusingatha esi siganeko sodumo, lo mboniso usuka kwibanga lamandla athile ukuza kweliphezulu apho abalonisi bebengaphezu kwe-700 kulo nyaka. Icandelo lemfuyo belinegugu



I-NAMPO ngo-2017 ityhila ikamva

lokubonisa ngeentlobo ezilishumi zeegusha, iintlobo ezine zeebhokhwe kunye neentlobo eziyi-28 zeenkomu ebezibonuswa. Belinenxaxheba neqela leSaddlebred Society laseMzantsi Afrika ngokunjalo neleArab Horse Society laseMzantsi Afrika, kanti bekukho namahashe eFriesianin nemifuziselo yamahashe ebibukwa. Kwensiwe nokhutshiswano kwifandesu yehlabathi ebiqala ukubakho kwbakho nemiboniso yolutsha kwiqonga leenkomo/wamahashe, apha ulutsha belubonisa khona izakhono zobuchule balo bokusebenza ngemifuziselo yamahashe, iinkomo zeLimou sin nezeBrahman.

Okunye okutsha okubalulekileyo okongezelelwembonisweni kulo nyaka, liziko lamava eGrain SA apha zonke iinkonzo zeGrain SA beziboniswa kuquka uPhando no-Londolozo IwezoLimo, iiNkonzo zoQoqosho neNtengiso ngokunjalo neNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi, konke kusenziwa phantsi kophahla

olunye. Oku kuvumele iingcali zoqoqosho kwezolimo, abaQuquzeleli beSeBe nezinye iingcali kwiqela elisebenza kunye leGrain SA ukuba zifumanekela lula namacebiso kunye noncedo lwazo kulo lonke ithuba lomboniso. Kwakhona bekukho nomboniso bhanya-bhanya olungiselelwemboniselo ulonwabo Iweendwendwe apha imboniso eneengcaciso ezmangyalwayo zemisebenzi yombutho zinokubonwa khona.

I-NAMPO iphinde yaphula irekhodi ephenzulu yalo lonke ixesa yokufumana iindwendwe eziyi-78 648 ukususela ngomhla we-16 ukuya kowe-19 ngoMey! Sinethemba lokunibona nonke kunyaka ozayo. ●

Inqaku linikelwe nguliana Stroebel, uMququzeleli wePhondo, (eNtshona Koloni) weNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi yase Grain SA. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: liana@grainsa.co.za.



Look out for more NAMPO photos on page 12

Dibana nabatyunjwa bethu bango-2017 (Icandelo 1)

Luqalile ukhutshiswano IwaseGrain SA loMlimi woNyaka oPhuhlayo wango-2017. Kubaluleke kakhulu ukuqonda ukuba olu khutshiswano lumalunga nantoni. Enyanisweni asilokhutshiswano tu, kodwa lithuba lokubalula umsebenzi onzima owenziweyo nenyameko kananjalo nokunika inkuthazo kunye

nokubonisa abanye okunokuphunyezwa nokunokugqaliselwa kuko.

Kumanqaku angoJulayi nangoAgasti ePula Imvula sinqwenela ukwazisa abalimi abayi-34 abatyunjelwe izintlu zango-2017 zoMlimi oLimela ukuziPhilisa, uMlimi oRhweba kaNcinane, uMli-

mi onokuba neSakhono sokuNgena kwiNew Era kunye noMlimi weNew Era. Ngenyanga kaSeptemba siza kuchaza ukuba ngoobani abagqwesileyo abalishumi elinesibini, ukuze ngoNovemba sibhengeze abaphumeleleyo abane. Apha sinabatyunjwa bokuqala abayi-17 phantsi kwezintlu zabaRhweba kaNcinane nabaLimela ukuziPhilisa.

Abatyunjwa abalimela ukuziphilisa



UMvikele Simeon Lukhele – eMpumalanga

UMvikele oneminyaka eyi-61 ubudala ukholelwa ekubeni ngaphandle kokufama ubomi abusayi kubakho. Ubona ukufama njengentsika yayo yonke imisebenzi yoqequesho.


Wazalelwu kwifama ekwisithili sasePiet Retief. Ekukhuleni kwakhe waba ngumsebenzi wasefama kwakuloo fama eseneminyaka eyi-16. UMvikele wasebenza kule fama iminyaka eyi-15 phambi kokuya eHereford, kwisithili saseGert

Sibanda, ngo-1986. Walima umbona neembotyi kwihektare awayeyabelwe.

UMvikele wangena eGrain SA ngo-2004. Wakhawuleza wawubona umahluko kwisivuno sakhe. Phambi kokuba lilungu naphambi kokuya kumaqela ofundonzulu, uMvikele uvune malunga neengxowa ezilishumi zombona kwihektare yakhe. Isivuno sakhe saphucuka ekubeni ngaphantsi kwetoni e-1 ngehektare safikelela kumyinge ongaphezu kweetoni eziyi-6 ngehektare.

Kulo nyaka, ngenxa yeemvula ezintle ezi-fike ngexesha elifanele ukulinywa kombona, uMvikele ulindele ukuvuna ngaphezu kweetoni eziyi-8 ngehektare.

Dibana nabatyunja bethu bango-2017 (Icandelo 1) – Abatyunja abalimela ukuziphilisa



USipho Sybion Vilakazi – eMpumalanga

USipho zange akhe asebenze okanye ahiale nakweyiphi enye ifama ngaphandle kwefama awazalelwala kuyo ngo-1962 – ifama iVergenoegheid ngasapiet Retief.

Kukule fama apho waqalisa njengomsebenzi jikelele ngo-1979 waze wanyuselwa ukuba abe ngumqhubi weetrekta, phambi kokuba

iSebe lokuTshintshwa koMhlaba lithengele uluntu kwaloo fama ngo-2001.

Ngo-2009 uSipho wangena kwiQela loFundonzulu laseGrain SA leSulphur Springs kanti namhlanje unegugu ngokuba ngusihlalo weli qela. Ulima umbona kwiihektare ezintathu zomhlaba olimekayo kwaye ungumthathi-nxaxheba kwiProjekthi yaseGrain SA yeJobs Fund.

Amabhongo kaSipho kukwandisa umsebenzi wakhe wokufama. Unenjongo yokufuma na umhlaba othe chatha ukuze ngenye imini ashiyele abantwana bakhe ishishini lokufama elinenzozo.



UMbulaleni Amos Mshayisa – eMpumalanga

Ubomi bukaMbulaleni oneminyaka eyi-71 bamthumela emigodini kwiminyaka eliqela kodwa entliziyweni yakhe engumlimi owabuyela entsimini ekuggibeleni.

UMbulaleni waqalisa umsebenzi woqequeso lwakhe njengomsebenzi wasefama kwifama iGeldehoop phambi kokusebenza emgodini. Emva kweminyaka elishumi elinanye ekushishino lwemigodi, wenza isiggibo sokuba lifikile ixesa lokuba

abuyele entsimini. Kodwa kwade kwalixesha apho umqeshi wakhe, uGunter Freddie wanika abasebenzi bakhe basefama ihektare emnye kubo ukuba bazilimele, apho uMbulaleni waqiniseka khona ukuba intliziyo yakhe isemsebenzini wokulima.

Waba lilungu leQela loFundonzulu iSheepmoor nomthathi-nxanxebe kwiProjekthi yaseGrain SA yeJobs Fund ukususela ekusungulweni kwayo. Ulime umbona kwiihektare ezimbini waze wavuna ngaphezu kweetoni ezi-3 ngehektare ngexesha lokulima lango-2015/2016.

UMbulaleni unenjongo yokwandisa umsebenzi wakhe wokufama ngenye imini ukuze alime ngaphezu kweehktare eziyi-100 zombona.



UGhsasa Solomon Dhlongolo – eMpumalanga

Akuba uGhsasa oneminyaka eyi-68 ubudala engene kwiQela loFundonzulu iDonkerhoek laseGrain SA ngo-2009 wayengenalo nofifi lokuba oko kungabuguqula njani ubomi bakhe bube bhetele.

UGhsasa waba ngumsebenzi wasefama kwixeshi elide lobomi bakhe bokusebenza. Waqala njengomsebenzi ongenasikhundla kodwa kungekudala waba ngumqhubi weetrekta. Ngo-2009

wenza isiggibo sokulimela usapho lwakhe umbona waza waqalisa ukulima iihektare ezimbini zomhlaba owayewabelwe ngabakwaKaluka CPA ngasePiet Retief.

Uthando lwakhe olushushu adume ngalo emsebenzini wakhe wokufama nokukhuthalela ukuya kwintlanganiso namatheko eQela loFundonzulu laseGrain SA konke oko kwakhawuleza kwenza ukuba anyulwe njengosihlalo weQela loFundonzulu iDonkerhoek.

UGhsasa lilungu leProjekthi yaseGrain SA yeJobs Fund kwaye ujunge phambili kwisivuno esihle ngokugqibeleleyo kwiihektare ezilishumi azilime kulo nyaka.



USomhlola Soko – eMpuma Koloni

Usomhlola wazalelwa kwiLali iNikwe kufuphi eBizana aphi abazali bakhe babephila ngokufama.

Esengumntwana, wayencedisa utata wakhe emasimini nangeenkomu kanti naxa wayewuthanda kakhulu umsebenzi wokulima, isidingo sokufuna uchatha wemali samkhokelela endleleni yomsebenzi wasemigodini. USomhlola wasebenzela amaquamruh aliqela emigodi eGoli ukususela ngo-

1980 kwade kwango-1994 xa waxeelwa ukuba akasenamandla okusebenza ngenxa yokwetha kwempilo yakhe.

Wabuyela efama ngo-2005 waze waba li-lungu leQela loFundonzulu iNtlozelgo-2010. Ngenxa yeGrain SA, uSomhlola waya kwizifundo ezibini zoqequesho ngokulinywa kombona.

Ngoncedo IweProjekthi yeJobs Funds, ulwazi alufumene kwizifundo zoqequesho ne-nkqubo yokufumana amacebiso aseGrain SA – uSomhlola unqwenela ukuqalisa ngokulima ngaphezu kokutya okusetyenziswa lusapho ukuze aggibele ngokufumanaa inzuzo evela emasimini akhe.



USiyavuya Njeya – eMpuma Koloni

Usiyavuya oneminyaka eyi-74 ulima umbona entsimini yakhe ngesandla. Wenza konke awayekufundiswe yiGrain SA ngo-coselelo waze wasiphinda-phinda kabini isivuno sakhe sombona kwiminyaka emibini edlulileyo.

USiyavuya ukhulele kwilali yaseNikwe kufuphi neBizana kwaye akukhumbula kwelo thuba lide kangako kukuba oko waba nomdla emsebenzini

wokufama. Kwixesha elilelona lide lobomi bakhe bokusebenza usebenze emigodini eGoli naku-fuphi khona.

Wenza isiggibo sokuba ngumlimi wexesha elipheleleyo waze wangena kwiQela loFundonzulu iNtlozelgo-2010 laseGrain SA ngo-2010. USiyavuya uphinde waba nenxaxheba kwi-Projekthi yeJobs Fund ukususela ngo-2014 futhi wakwazi ukuvuna iitoni eziyi-1,5 kwihek-tare ayilime kwixesha lokulima elithwaxwe yimbalela ngo-2015/2016.

Kulo nyaka ulime iihektare ezimbini zombona nezesityalo esikhangeleka singum-mangaliso.



uSimphiwe Elliot Gumbi – KwaZulu-Natal

Nangona uSimphiwe ekhulele emapha-ndleni KwaZulu-Natal, wayengenamduongako ekulimeni futhi ekubona njengomsebenzi woqequesho anokuwenza emva kokusebenza emigodini kwiminyaka eyi-22.

Ngo-2005 uSimphiwe nenkosikazi yakhe, uVuyelwa, benza isiggibo sokufama nokuncedisa uluntu njengobomi babo obutsha bamabhongo. Balima kwisabelo sefama iHoffental kufuphi neTabhane KwaZulu-Natal.

Esi sibini asinamatshini ngoko ke bawulima ngezandla umbona wabo. uSimphiwe waqalisa ngenxaxheba yakhe kwiProjekthi yaseGrain SA yeJobs Fund ukususela ngo-2015 waze wafuma inzuzo yesivuno esihle. Uthetha athi ulwazi aluzuze ngokuya kwiQela loFundonzulu iThabane 29 nakumacebiso awanikwe ngamagosa ase-Grain SA konke oko kumphucule njengomfama.

uSimphiwe yintsika yoluntu lwakhe, uthengisa umbona nomgubo wombona ancede nabo bangathathi ntweni ngokubanika ukutya. Ukwanothando olushushu lokunika abanye abalimi ulwazi alufumene ngokunxulumana kwakhe neGrain SA ukuze nabo bafumane ezona zivuno zihle ngokusebenzia imithombo yoncedo esezandleni zabo.

Dibana nabatyunjwa bethu bango-2017 (Icandelo 1) – Abatyunjwa abalimela ukuziphilisa



UZibuyile Adelaide Mvula – KwaZulu-Natal

Emva kokusebenza imisebenzi yamakhaya ngaphezu kweminyaka emihlanu, uZibuyile wayekunqwenela kakhulu ukubuyela entsimini ukuze ukulima kube yindlela aziphilisa ngayo. Umalathindlela omnye awayenaye malunga nokufama ngelo xesha yayikukhumbula ngoko wayeyintombazana encinane ukuba abazali bakhe babethanda ukusebenza emasimini.

UZibuyile lilungu nosomlomo weQela leGudluingo Farming kwaye ukwalilungu leQela IoFu-

ndonzulu laseGrain SA leZwelisha 29. Balima kwisabelo saKwaGudlucingo ngaseBergville. Unenxaxheba kwiProjekthi yaseGrain SA yeJobs Fund alime phantsi kwayo iihektare ezine zombona kweli xesha lokulima.

Njengomtu obhinqileyo osemtsha uZibuyile ungummeli wenene womsebenzi wokulima. Umema abantu ukuba bangene kwiGrain SA abaxelete iinzuso zokufumana amacebiso nokuva nocwangciseloo lwento oyenzayo. Uphinda abelane nabantu abatsha ngothando olushushu nangeempumezo zakhe zalo msebenzi, azame ukwenza ulutsha lube nomdla kangangoko emsebenzini wokufama.



UNophinzile Tolo – eMpuma Koloni

Unophinzile uhlala emhlabeni odityanelweyo iBaziya Makaula kufuphi naseMthatha eMpuma Koloni. Abazali bakhe babengabalimi abadibanele umhlaba waze naye wasebenza aphi ubomi bakhe bonke elandela ekhondweni labo.

Kwiminyaka emithathu edlulileyo, ungene kwiGrain SA waza walilungu leQela IoFundonzulu leBaziya Makaula 30. UNophinzile ufama ngeebhoho

khwe nangeegusha futhi unenxaxheba kwiProjekthi yaseGrain SA yeJobs Fund. Ulime ihektare enye yombona phantsi kolawulo lwale projekthi.

UNophinzile uya nakwizifundo zoqequesho ngezenzo zokulima nangolawulo lwemali.

Akanazitrektara nazixhobo zokusebenza ngoko ke ulima aze avune ngesandla. Nangona engenabo oomatshini bokusebenza, uNophinzile uyakwazi ukuvuna umyinge weetoni eziyi-3,5 ngehektare ngonyaka.

Iphupha lakhe kukwandisa imisebenzi yakhe yokufama, alime indawo enkulwana yentsimi ukuze avune umbona oza kwanela ukuba athengise afumane inzuzzo entle.



UVuyiseka Victoria Mxezengana – eMpuma Koloni

Kusuku lwabalimi olwalusingathwe liQela IoFundonzulu iMroshozweni, UVuyiseka waxelelwaneGrain SA nokwenziwa yiyo malunga nomsebenzi wayo uphelele ophathelele kubalimi bokutya okuzinkozo eMzantsi Afrika. Wakhawuleza kwangoko wasayinela ukuba lilungu lombutho neleQela IoFundonzulu leProjekthi yombona iRhoshweni.

Ukhulele emhlabeni odityanelweyo iNgcwala eQokolweni ngaseMqanduli aphi bebefama khona bobabini abazali bakhe. Umsebenzi wokulima wawungeyonto intsha kuye kodwa wafumanisa ukuba abazali bakhe babebadalal kanti futhi babesasebenzisa imigaqo yakudala nobuchwepheshe bangoko. Yena udinga iGrain SA ukuze ayazi imigaqo nobuchwepheshe obutsha.

Kunyaka ophelileyo uVuyiseka ulime ihektare enye yombona njengomthathi-nxaxheba kwiProjekthi yaseGrain SA yeJobs Fund. Unethemba lokuba isivuno siya kuba sihle kangangokuba ade akwazi ukulima indawo enkulwana ngexesha lokulima ngo-2017/2018.



UZoliwe Rhum Nombewu – eMpuma Koloni


Uminqweno kaZoliwe wokuba ngenye imini abe ngumlimi orhwebayo one-mpumelelo wamkhuthaza kwiminyaka emithathu edlulileyo, ukuba andwendwele iofisi yeGrain SA eseMthatha ukuze afumanise ulwazi oluthe vetshe ngalo mbutho.

Wancoma kakhulu akuva ngezifundo zoqequesho nangeenkubo zamacebiso ezinkelwa yiGrain SA waze waba lilungu ngokunjalo wangena nakwi-

Qela loFundonzulu leProjekthi yoMbona yeSiay-khula Gxididi.

Nangona kunjalo, uZoliwe ebengakuqoboli ukulima. Wakhuliswa ngabazali ababengabali ababedibanele umhlaba kwindawo yase-Mount Fletcher. Babefama ngemfuyo belima umbona ngokusebenzisa izilwanyana.

Okwahluke kakhulu ngoku kukuba uZoliwe uneetrekta ezimbini, izigadla zokuchola-chola ezibini nazo zonke izixhobo zokusebenza azidina emsebenzini wokulima iihektare eziyi-25 zomhlaba odityanelweyo anikwe wona. Ulime iihektare ezimbini zombona kwixesha lokulima lango-2016/2017 njengomthathi-nxaxheba kwiProjekthi yaseGrain SA yeJobs Fund.



UMavis Nomvula Hlatshwayo – eMpumalanga

UMavis wazalwa kwiminyaka eyi-55 edlulileyo kwisithili sasePongola. Umama wakhe wasweleka esemncinane kakhulu ngoko ke wakhuliswa ngookhulu bakhe. Babefama ngombona, iimbotyi, imifuno, nezinye izityalo kanye nemfuyo, kwaba kuloo minyaka apho uMavis waphuhla khona uthando lokulima.

Wangena kwiGrain SA waza waba lilungu leqela lofundonzulu ngo-2005. Uya qho kwiintlanganiso zeqela lofundonzulu, kucweyo nakwizifundo ezingiselelwé yiGrain SA.

UMavis lilungu leSizanani Society, umbutho warnalungu angamabhinqa kuphela. Baxyaxhasana baze bandedane ngeminikeloo kubahlali abasweleyo. Eli bhinqa lingumanganalo liphupha ngofikelelo emhlabeni othe kratya ngobukhulu aphi linokufama khona livule amathuba emisebenzi abantu abangaphangeliyo eluntwini lwakhe.



Pula Imvula's Quote of the Month

Success is to be measured not so much by the position that one has reached in life as by the obstacles which he has overcome.

~ Booker T. Washington



ULAWULO LWESITYALO SAKHO SECANOLA

Iwakho Iwezityalo unakho ukuzihlangabeza ngempumelelo ethe kratya iingxaki ezinokubakho ngokhula lwengca emasimini akho. Sakuba isityalo secanola sesikhule safikelela kwibanga apha sowugqumekile khona umhlaba, izityalo zikhuphisana kakuhle nalo naluphi ukhula olunokubakho.

Ugqaliselo lufanele ukuba sekutshatyalalisweni kokhula emva kokuhluma, kwizichumiso nakulawulo Iwezifo. Malunga nokutshatyalaliswa kokhula emva kokuhluma, uhlolo Iwecanola luya kuba nendima ebalulekileyo kwindlela okhethe ngayo iikhemikhali ezibulala ukhula, ngakumbi ekutshatyalalisweni kokhula Iwamaggabi abanzi.

Ukuba ulime umhlanganisela wesiqhelo akusayi kukwazi ukufaka iikhemikhali yokhula yamaggabi abanzi kuba iya kubulala nesityalo sakho. Kulunga-lungiswe icanola iClearfield (CI) neTriazine tolerant (TT) ukuze zikwazi ukunyamezelia iikhemikhali ezithile eztishabalalisa ukhula xa kutshatyalaliswa ukhula Iwamaggabi abanzi. Ikhemikhali yokutshababalisa ukhula i-cysure inakho ukusetyenziswa kwimihlanganisela yeClearfield, kanti yona i-atrazine ne-simazine zihambelana nemihlanganisela yeTT. Ngokusebenzisa icanola kujikeleziso

**Sakuba isityalo secanola
sesikhule safikelela kwibanga
apho sowugqumekile khona
umhlaba, izityalo zikhuphisana
kakuhle nalo naluphi ukhula
olunokubakho.**

Iwakho Iwezityalo unakho ukuzihlangabeza ngempumelelo ethe kratya iingxaki ezinokubakho ngokhula lwengca emasimini akho. Sakuba isityalo secanola sesikhule safikelela kwibanga apha sowugqumekile khona umhlaba, izityalo zikhuphisana kakuhle nalo naluphi ukhula olunokubakho.

Olandelayo umbandela ofanele ukugqalisela, zizichumiso. Ngokuxhomekeka kwimvula ena ngexesha elithile lonyaka, unakho ukwenza isigqibo ngokufaka umaleko wangaphezulu ofakwa kanye, kulandeliswe ngomnye wesibini emva kwexesha kwakwelo xesha lonyaka lokulima. Kubaluleke kakhulu ukuqinisekisa ukuba umaleko wangaphezulu onokufaka uqulethe iSulphur (S). Icanola inesidingo se-S esiphezulu futhi inendima ebalulekileyo ekubumbeni ioyle kwimbewu. Isixa senitrogen (N) esifakiweyo sinokwahluka kangange-30 kg ukuya kwi-40 kg ye-N ngehektare. Umaleko wangaphezulu wokuqala unokufaka kwiiveki ezi-4 ukuya kwezi-6 emva kokuhluma. Umaleko wangaphezulu wesibini ongange-30 kg ye-N ngehektare unokufaka ngokukhula kwesikhondo. Kanti nokufaka i-boron kubaluleke kakhulu. Esi sondlo sinendima ebalulekileyo ekubunjweni kweentyatyambo ukuze ekuggibeleni kubaluleke kangako nakwinnani lemidumba, kwaye ifanele ukufakwa ukudubula kweentyatyambo kungekabi ngaphezu kwi 10%.

Ulawulo Iwezifo ngumba wesithathu odinga ugqaliselo. Nangona imihlanganisela esiyisebenzisa eMzantsi Afrika ikhuliswa ngamaqondo ashiya-shiyanayo amandla okunyamezelia

**“Ugqaliselo lufanele
ukuba sekutshatyalalisweni
kokhula emva kokuhluma,
kwizichumiso nakulawulo
Iwezifo.”**

iBlackleg, kuseyimfuneko ukufaka ikhemikhali ebulala umngundo ukuze kulawulwe esi sifo. Oku kufanele ukwenziwa kwibanga lamaggabi lesi-4 ukuya kwelesi-6. Kubhaliswe iikhemikhali ezithile zokulwa umngundo ezisetyenziswa kwicano. Esinye isifo esidinga ingqalelo si-Sclerotinia. Esi sifo naso sifanele ukulawulwa ngokusebenzisa ikhemikhali ebulala umngundo, kodwa sifanele ukufakwa kuphela xa isityalo sikwi 30% yokudubula kweentyatyambo. Kwakhona, qaphela usebenzise iimveliso ezbhalisiweyo kuphela.

Imibandela emithathu echatshazelwe kweli nqaku ibaluleke ngenene ukuqinisekisa ukuba icanola yakho uyinika ithuba elilungileyo lokukhupha isivuno esihle.

**Inqaku linikelwe nguGq Johann Strauss,
Directorate Plant Sciences, Research and
Technology Development Services, kwiSebe
lezoLimo leNishona Koloni. Ngolwazi oluthe
vetshe, thumela i-imeyili yakho apha:
johannsf@elsenburg.com.**



Yintoni etshintshileyo?

Siphila ehlabathini elisoloko liguiska kwaye isantya senguquko siya ngokwanda. Mhlawumbi uza kukubona kungaqhelekanga ukuxoxa ngesi sihloko, kodwa khawusinyamezele, kukho umgaqo othile kule mpithizelo. Umntu angade abuze lo mbuzo 'Ingaba ziyaguquka na izinto?' Ngelishwa, okanye ngethamsanqa izinto ziyaguquka – mhlawumbi ukuze kube bhetele, kodwa ngamanye amaxehsha kujika kube kubi.

Makhe siqwalesale iinguquko ezimbawla ezichaphazela ubume obungqonge ukufama. linguquko ezikhankanyiweyo aziloludwe olupheleleyo futhi zingabhalwanga nangokulanelana ngokubaluleka kwazo.

linkcukacha

Ubungakanani nobukho bazo butshintshe kakhu – kangangokuba bunokuyixinanisa ingqondo. Uphuhliso lobugcisa kwizixhobo ezisabukhomyutha lungumqhubi ophambili wobungakanani nobukho beenkukacha.

Ubuchwepheshe

Njengoko bekuxoxiwe kumanqaku ethu angaphambili ubuchwepheshe bokusebenza ngezandla nobusabukhompyutha busoloko butshintsha futhi buchuphuka.

Imozulu

Ngoku phantse kuyinyaniso evumelekileyo ukuba imozulu iyaguquka ngenxa yefuthe elinamandla neliganiki themba lethu thina bantu emhlabeni. Iqondo lobushushu liya ngokunyuka, kanti iziganeko zezichotho, iindudumo nezikhukula, amathuba obushushu nawengqege egithisileyo – aya ngokwanda nangokuba nobuzaza.

Intengiso

Intengiso yeemveliso zolimo itshintshe kakhu ukususela kwinkqubo elawulwayo ukuya kwinkqubo yentengiso ekhululekileyo ngeminyaka esekupheleni yoo-1990. Ngoku iintlobo zeentengiso ezahluka-hlukileyo, phofu iyileyo inemiceli-mingeni yayo, zinamathuba avulekayo kubalimi bethu.

Okuthandwa ngabathengi

Okuthandwa ngabathengi nako kuguquke kakhu ngenxa yogxiniso kwiimveliso zomgangatho ophezelu eziweliswa kwimeko ehambelana noqoqosh nangendlela evana nezilwanyana. Kwanhona abathengi bafuna ukwazi ukuba zivela phi iimveliso – kubekho umkhondo.

Uqoqosho

Inguquko yakutshanje malunga noqoqosh kuthotywa komgangatho woqoqosh welizwe lethu

njengelikwibanga lenkunkuma, meko leyo eza kuba nefuthe elibi kuthi thina sonke. Ukuthotywa komgangatho kusiphumo sokuhula okungephi koqoqosh nokwanda kwentswelo-nqgesho. Amazinga enzala aza kunyuka ukuze lehle ixabiso leRandi. Ngenxa yoko amaxabiso eemveliso zamalungiselelo aza kunyuka, ngakumbi ezo zithengwa kumazwe angaphandle. Into eza kuxolisa abathengisa emazweni angaphandle kukuba xa iRandi inexabiso elehliyo bona bafumana amaxabiso aphezulu noko ngeemveliso zabo.

Uthutho

Inkangeleko yothutho iguquke kakhulu eMzantsi Afrika. Kwiintsuku zangaphambili, inkoliso yemisebenzi yothutho yayisenziwa ngololiwe, ngakumbi uthutho lwezia ezikhulu. Namhla oganda-ganda baxinanisa iindlela zethu kanti uthutho selunexabiso elithe kratya ukuba duru.

Inkxaso karhulumente

Yinyaniso ukuba abalimi bethu bafumana inkxaso encinane kakhulu kurhulumente.

Ubusela

Nkqu nenkangeleko yobusela iyatshintsha elizweni lethu – iziganeko zobusela zither kratya futhi zibangela iindleko eziphezulu kakhulu kubalimi bethu.

Singathini malunga noku?

Sesikhankanye iinguquko ezimbawla ezenzeke kwiminyaka eliqela eddlileyo. Ngoku ungabuza umbuzo othi "Singathini malunga noku?" Makhe siqwalesale ezi nguquko ngeliso lolawulo.

Okokuqala, ufanele ukuqokelela iinkcukacha malunga neenguquko wandule ukuchonga iimpembelelo eziya kuba neziphumo kwishishini lakho. Ingaba iimpembelelo ziya kuba zibi – njengokunyuka kweendleko, ukuncipa kwemveliso yakho, okanye ingaba iimpembelelo ziya kuniha ithemb – njengokunyuka kwengeniso, okanye ukunyuka komgangatho weemveliso zakho. Ngoku ke kufuneka uzilawule ezi nguquko. Uya kuba nako ukulawula iziphumo zezinye iinguquko kodwa ungakwazi kwezinye. Oko kuthetha ukuba mazilawule njengomngcipheko.

Kumanqaku angaphambili, sichaze ukuba ishishini lokufama lelinye lamashishini ekunzima kakhu ukulilawula. Le nkcazo iseyinyaniso nangoku futhi ezi nguquko zikwenza nzima nangaphezulu oku. Xa ufuna ukusinda njengomfama, kufuneka uziqaphele ezi nguquko ngokunjalo uzigcine unolvazi ngazo zonke iinguquko ngokulawula iziphumo zazo.

Ummangaliso wezi nguquko kukuba, izinto ezingalunganga ngazo zichaphazela abalimi



abancinane xa kuthelekswa nabalimi abakhulu abarhwebayo. Kwelinje icala, iimeko ezinika ithembia malunga nezi nguquko kukuba abalimi abakhulu bafumana iinzuso ezithe kratya kubalimi abancinane. Isiphumo esicacileyo sesokuba kukho uxenzelelo oluthe kratya kumlimi omncinane sokuba alilawule kakuhle ishishini lakhe ukuze aphile. Inye iindlela onokulawula bhetele ngayo ishishini lakho kukuba nolwazi oluphangaleyo. Ukuze ube nolwazi kufuneka uqokelele iinkcukacha, ufunde iinkcukacha, uzihlalutyte wandule ukwenza isiggibo malunga nendlela oza kuyi-qwalasela ngayo loo meko.

Sesigxinisile ngaphambili ukuba ukuze uhlale ungumlimi onempumelelo ishishini lakho lokufama lifanele ukuphucuka ngonyaka ngamnye. Kukho umntu owakhe wathi 'ukuba umlimi akaliphuculi ishishini lakhe ngonyaka ngamnye, uya kuma ndawonye futhi xa into imi ndawonye, ekugqibeleni iyafa.'

Xa ungumlimi omncinane – sebenzisa imigaoqo esisiseko. Lawula ishishini lakho, kuquka iimpembelelo zeenguquko, kakuhle kangangoko unakho ngokusebenzisa ucwangcisel olufaneleleyo, ulungiselelo, impumezo nonxulumani, kwaye usebenzise zonke iinkcukacha oziqoleleyo. Qiniseksa ukuba zonke iinkcukacha, ezivela ngaphakathi nangaphandle, zithembekile kwaye zichanekile.

Ingaba, umzekelo, sowuqalile ukulawula (okanye okungenani lukhona ucwangcisel olwenzileyo) ukuxhobel aimbalela elandelayo? ☺

Athikele e kwadiilwe ke Marius Greylings, mokwadi wa Pula Imvula. Fa o tlhoka kitso gape, o ka romela emeile go marius@mccgacc.co.za.

07 Dibana nabatyunjwa bethu bango-2017 (Icandelo 1)

Abatyunjwa abarhweba kancinane



UHamu Samson Shuwisa – eMpumalanga

Umdla wokufama kaSamson Shuwisa waqala ngoko yena njengenkwenkwe eselula wayencedisa utata wakhe emasimini. Wathenga inkomo yokuqala eselula kakhulu kanti namhlanje uneenkomu eziyi-120.

Usebenze kwifama iGoedehoop kwiminyaka engaphezu kweyi-50 phambi kokuba aqale ukuzifamela ngokwakhe kwifama ebizwa ngokuba yiNooitgedacht, kufuphi neSheepmoor.

Ngo-2009 uSamson wenza isiggibo sokulima umbona ongaphezu kwalovo ebeqhele ukuwulimela ukusetyenziswa ekhaya waze wawuthengisa umbona wakhe oseleyo. Emva kweminyaka emibini, ngo-2011, wangena kwiQela IoFundonzulu laseGrain SA awayengusihlalo walo kwiminyaka edlulileyo esixhenxe.

Waqala ngokulima ihektare enye yombo na njengenxene yeProjekthi yaseGrain SA yeJobs Fund kodwa namhlanje uSamson ulima iihektare eziyi-18, kwaye akaxhaswa mntu ngemali. Elona phupha lakhe likhulu kukuba ngenye imini, kwixesha eliseza kufika, andise iihektare zakhe zibe ngaphaya kwezili-100.

USifiso Michael Mnisi – eMpumalanga

USifiso wazalelwawa kwifama iRooikop eDonkerhoek. Usayikhumbula kakuhle indlela awayezibuka ngayo izityalo zabalimi abarhwebayo ebumelwaneni esengumntu omtsha waze wanephupha lokuba ngenye imini naye uya kulima izityalo ezihle njengezo.

Emva kokusebenza njengomenzi weebhoyila kwiminyaka embalwa kodwa ezama nokufama xa engekho emsebenzini, uSifiso wabuyela ekhaya ukuze enze umsebenzi wokufama njengomsebe-

nzi wakhe woqeleshu kuJuni 2012. Wangena kwiQela IoFundonzulu iDonkerhoek waze wanenxaxheba kwiProjekthi yeJobs Fund kwiminyaka emithathu edlulileyo.

USifiso walima umbona kwihektare ezisi-8 ngo-2014/2015 nango-2015/2016 kodwa ngo-2015/2016 isivuno sakhe saphinda-phindeka kabini. Umoya wakhe osoloko usethembeni ngathi uyabasulela abantu abatsha ngokuthi bacinge ngokufunda ezolimo njengezifundo zoqeleshu.

Kwiminyaka emihlanu uSifiso unqwenela ukuba ngumlimi orhwebayo onempumelelo oya kugqwesa kukhutshiswano lonyaka IwaseGrain SA loMlimi oRhwebayo weNew Era.



UMeluxolo Mfoxo – eMpuma Koloni

Njengendoda eyayize ngobuso elizweni eneminyaka eyi-25, uMeluxolo wasebenzisana notata wakhe ngomsebenzi wokufama ukuzenze amncedise. Ngoku emva kweminyaka eyi31, ungumlimi orhweba kancinane onempumelelo nenothando olushushu nolunzulu ngomhlaba.

UMeluxolo ufama ngeembotyi ezomisiweyo, umbona, iinkomo neegusha eGoede hoop ngaseUgie eMpuma Koloni. Wakhawuleza wa fumanisa ukuba

nangona efunde lukhulu kuyise, kwakubaluleke kakhulu ukuzigcina esemgangathweni ngobuchwepheshe obutsha waze wenza isigqibo sokungena kwiQela loFundonzulu iUmnga Flats ngo-2013.

Uya kwizifundo zoqeqesho ezahluka-hlukileyo ukususela kwiiNqobo zokuziPhatha kwiShishini nokuFamela iNzuzu ukuya kwizifundo ezithande ukuba zezokuziqhelanisa ezinjengokulinywa koMbona naMazimba. Ngolwazi nangamacebiso awafumene eGrain SA uMeluxolo waphucula umhlaba wamasimi akhe waze wathi chatha ekusebenziseni oomatshini.

UMeluxolo usebenza nzima ejolise kwinjongo yakhe yokuba ngumlimi orhwebayo onempumelelo kwixesha eselikufutshane.



UThumekile Mzinzi – eMpuma Koloni

UThumekile wazalwa ngomhla we-18 kuAgasti ngo-1959 kwisithili saseEngcobo. Waqalisu ukufama ngo-1999 kwisabelo sakhe seehekture eziyi-113 zaseUmnga Flats ngaseUgie.

Umhlaba wakhe uwusebenzela ukulima iimbotyi ezomisiweyo nombona aze aphinde arente ezinyi iihektare eziyi-220 kumasipala, zona azisebenzisele ukutyisa imfuyo yakhe. Ngaphandle kweenkomo

neegusha zakhe, uThumekile uneqhaviya lokuba ngumnni weetrektaa ezimbini nesigadla.

Njengelungu leQela loFundonzulu laseGrain SA leUmnga Flats, uye kwizifundo zoqeqesho zeeNqobo zokuziPhatha kwiShishini nokuLinywa koMbona naMazimba.

UThumekile uhlonelwa kakhulu luluntu aphi nalo kwaye unguMququzeleli woLuntu kwiNkqubo yoPhuhloso eDityanelweyo kwindawo leyo.

Ukholelwa ekubeni umlimi unokuphumelela kuphela xa ewenza umsebenzi futhi esebeza nzima. Ngokusebenza kwakhe nzima, ngothando olushushu nangokuzinikela uThumekile ufunu ukukhulisa ishishini lakhe lokufama libe yifama yorhwebo enempumelelo.



UThembalihle Hopewell Tobo – eMpuma Koloni

UThembalihle ungene emkhosini ngo-1986 waba lijoni kwiminyaka elishumi phambi kokuba uthando lwakhe lomhlaba lumgodsue abuye le ekhaya – eNdunge ngaseBizana.

Ngo-1996 waqalisu ngokufama ngombona nemfuyo. Walima iihektare eziyi-25 zomhlaba odityane-Iweyo kwaye unetrektaa nezihobo eziyimfuneko. Kwixesha lokulima lango-2015/2016 uThembalihle walima iihektare eziyi-14 zombona emhlabeni owomileyo kanti naxa bekukho imbalela ukwazile ukuvuna iitoni eziyi-41. Uphinde walima iihektare ezimbini phantsi kweProjekthi yeJobs Fund aphi isivuno sakhe saba ziitoni ezi-3,5 ngehektare.

UThembalihle waba lilungu leGrain SA ngo-2006 kanti ngoku ngusihlalo weQela loFundonzulu leNdunge. Ulilungu elikhutheleyo, eliquuzelela iintlanganiso, elihuba iintsuku zabalimi liphinde longamele futhi lilondoloze iimvavanyo.

Ukholelwa ekubeni xa kuxakekiwe ngemsebenzi yolimo kwindawo ahlala kuyo, intswelelo egqubayo inokugxothwa ngamandla kanti ngokusebenza kunya abalimi baseNdunge na-baseBizana banokuba ngabondli besizwe. ↗

Aba batyunjwa abadweliswanga ngolandelelwano oluthile.

Inqaku linikelwe nguHanlie du Plessis, umbali oziSebenzelayo. Ngolwazi olithe vetshe, thumela i-imelyili apha: hanlieduplessis@telkomsa.net.

Iqela labahleli

GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

Suite 3, Private Bag X11, Brandhof, 9324
 7 Collins Street, Arboretum
 Bloemfontein
 ▶ 08600 47246 ◀
 ▶ Fax: 051 430 7574 ◀ www.grainsa.co.za

UMHELI OYINTLOKO

Jane McPherson
 ▶ 082 854 7171 ◀ jane@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel
 ▶ 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za

UYILO, UBUME NOSHICILELO

Infoworks
 ▶ 018 468 2716 ◀ www.infoworks.biz



IPULA IMVULA IFUMANEKA

NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa,
 IsiNgesi, IsiBhulu, iSeTswana,
 iSesotho, iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

INkubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUUZELELI BOPHULHLISO

Johan Kriel
 Free State (Ladybrand)
 ▶ 079 497 4294 ◀ johank@grainsa.co.za
 ▶ e-Ofisini: 051 924 1099 ◀ Dimakatso Nyambose

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Nelspruit)
 ▶ 084 604 0549 ◀ jerry@grainsa.co.za
 ▶ e-Ofisini: 013 755 4575 ◀ Nonhlanhla Sithole

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
 ▶ 082 354 5749 ◀ jurie@grainsa.co.za
 ▶ e-Ofisini: 034 907 5040 ◀ Sydwell Nkosi

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Louwsburg)
 ▶ 082 650 9315 ◀ graeme@grainsa.co.za
 ▶ e-Ofisini: 012 816 8069 ◀ Sydwell Nkosi

Ian Househam

EMpuma-Koloni (Kokstad)
 ▶ 078 791 1004 ◀ ian@grainsa.co.za
 ▶ e-Ofisini: 039 727 5749 ◀ Luthando Diko

Liana Stroebel

ENTshona-Koloni (Paarl)
 ▶ 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za
 ▶ e-Ofisini: 012 816 8057 ◀ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
 ▶ 082 877 6749 ◀ dutoit@grainsa.co.za
 ▶ e-Ofisini: 012 816 8038 ◀ Lebo Mogatlanyane

Sinelizwi Fakade

Mthatha
 ▶ 071 519 4192 ◀ sinelizwifakade@grainsa.co.za
 ▶ e-Ofisini: 012 816 8077 ◀ Cwayita Mpotyi

Articles written by independent writers
 are the views of the writer and not of Grain SA.

I-NAMPO ngo-2017 ityhila ikamva

